



Uhambo lukaXikochimani

Hlekane Paulinah Baloyi

Brian Wambi





Ngaloo mini uXikochimani wavuka
kwangentseni.

Wayengomnye wabo bafika kuqala
esikhululweni seebhasi neeteksi.

UXikochimani wayeqala ukuzihambela yedwa.



Wayesiya edolophini enkulu kuTatomkhulu
wakhe onguGalela.

Ngesiquphe kwabakho indoda eyabiza
amagama eendawo azaziyo uXikochimani.


“Yiza, iyahamba ibhasi,” yakhwaza le ndoda.



Yayisele izi kugcwala ibhasi. Wema uXikochimani elindele ukukhwazwa kwenombolo yetikiti lakhe.

Ikhona inkwenkwe eyayixabile kumnyango webhasi.

Waphelelwa ngumonde uXikochimani.



Isihlalo sikaXikochimani sasingasefestileni,
wayengakwisibini ekwakusithiwa nguRhulani
noMadzivandlela.

Ubushushu benza abantu babile kuloo bhasi.



Abathengisi bangena ebhasini belandelelana,
kunjalo babengxola kakhulu!

Babethengisa isiselo esibandayo, iibhana,
iilekese, iindidi zenyama namanye
amashwamshwam.



UMadzivandlela wakhupha imali esifubeni kuye,
wathenga isiqhamo kwindoda eyayibukeka
incumile.

Wayibeka phantsi incwadi yakhe, waqalisa
ukusonwabela, esiluma kancinci.



Umqhubi webhasi wangena kuyo, wababulisa ababephakathi kuyo. "Pholani nonwabele uhambo," wakhwaza esitsho.

UMzamani wayeliphinda naliphi na igama elithethiweyo ngumqhubi webhasi!



Indlela eyayisiya edolphini enkulu yayinde
kunjalo inamajikojiko.

UXikochimani wayechwayitile ebukela
imbonakalomhlaba eguqukayo ngeli xesha
yayihamba ibhasi.



Kwakuseshushu phakathi eباسی nangoku
lalitshona ilanga. Abahambi babeibile xhopho
kunjalo besozela.

Akuziva esozela uRhulani wayibamba nkqi
ibhegi yakhe.



Balala yoyi uXikochimani, uRhulani
noMadzivandlela.

Wayerhona kakhulu uMadzivandlela.

Balala kamnandi ngeli xesha ibhasi yayiqhutywa
ngobo busuku.



Kukho isandla esasishukumisa igxalaba
likaXikochimani kancinci. Wada waphaphama.

“Esi sisitishi sokugqibela. Uyaphi?” yabuza
indoda eyayisemva koXikochimani.



Waphuma ebhasini uXikochimani.

Zange abone mntu amaziyo.

Wazixeleta le nto, "NdinguXikochimani
kaRhulani, kaGalela, kaXihimu. Ndiza kufika
kwikhaya likatatomkhulu."



Ulwazi Lwethu is a Zenex Foundation funded and initiated project to develop a series of graded and leisure African language readers and teacher support materials. This project is targeted at teaching and supporting learners in the Foundation Phase to improve their home language reading and understanding. The readers have been originated in nine African languages in collaboration with Molteno Institute for Language and Literacies, Nelson Mandela Institute for Education and Rural Development, Room to Read South Africa, and Saide. All resources are developed as Open Education Resources (OER).



Your attribution should include the following:

Title: Uhambo lukaXikochimani

Author/s: Hlekane Paulinah Baloyi

Translator/s: Angelinah Dazela

Illustrator/s: Brian Wambi

Assurer/s: Bukeka Mahlangabeza

Language: isiXhosa



© Zenex Foundation - Saide 2023

CC BY includes the following elements:

BY – Credit must be given to the creator

